

Iziphumo Zobugosa



SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo Sale Veki:

2 Tim. 3:1–9; Hez. 14:14; Filipu 4:4–13; Miz. 3:5; 1 Pet. 2:11, 12; Mat. 7:23; 25:21.

Indima Yenkumbulo:

“Ihambo yenu mayibe ntle phakathi kweentlanga; ukuze kuloo nto bathetha okubi ngani, ngathi ningabenzi bokubi, bathi ngokubona imisebenzi yenu emihle, bamzukise Thixo ngomhla wokuvelelwa” (1 Petros 2:12).

Njengamagosa, simelwe kukuba siphile njengamangqina kaThixo esimkhonzayo, into ethetha ukuba, simelwe kukuba nempembelelo enamandla kwabo basijikelezileyo, impembelelo yokulungileyo. Ibali lethu, ngoko, akufuneki lihambe lodwa kwilizwe elisingqongileyo. Endaweni yoko, sinethuba lokubonakalalisa indlela engcono yokuphila ubomi bokuhlonela uThixo. UThixo usinika ubuchule bokuphila ngendlela eyahlukileyo kunayo nayiphi indlela yokuphila emhlabeni (2 Kor. 6:17), kwaye leyo yinto ekufuneka ukuba abanye bayiphawule bade bayibuze. Kungoko kuthiwa: INkosi ke uThixo yingcwaliseni ezintliziyweni zenu, nihlale ke nikulungele ukuziphendulela kumntu wonke obuzayo kuni ilizwi ngalo ithemba elingaphakathi kwenu, ninobulali noloyiko” (1 Pet. 3:15).

Esi sifundo sokugqibela siza kuqwalasela inzuzo yomntu, iziphumo zasemoyeni, iziphumo eziyimpumelelo, impembelelo yethu, nesitshixo ekwanelisekeni kobomi begosa, sisazi nje ukuba konke kungo “Kristu phakathi kwenu, ithemba lozuko” (Kol. 1:27).

**Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha kaMatshi 31.*

Ubugosa Nokuhlonela UThixo

Ukuhlonela uThixo yingxoxo ebanzi. Abantu abahlonela uThixo baphila ubomi obungcwele (Tito 1:1), befana noKristu ngengqondo yokuzinikela nangezezo ezimkholisayo (Nd. 4:3, Tito 2:12). Ukuhlonela uThixo kukubonakala kwenkolo yenene nokwamkela amadinga obomi obungunaphakade. Akukho lwazi, butyebi, ludumo, gunya, nakuzalwa kunethamsanqa okunokunika idinga elinjalo.

Funda: 2 Timoti 3:1–9. Ulumkisa ngantoni apha uPawulos ehambelana ngqo nobomi begosa elithembekileyo?

Incwadi kaYobhi inika inkcazo yesimilo nezenzo zikaYobhi. Ibonisa indlela ubomi bokuhlonela uThixo obutyhilwa ngayo, nokuba kungokubulaleka. Ikwabonisa ukuba uSathana uyithiye kangakanani loo ndlela yokuphila. NoThixo uyayivuma into yokuba babengekho abanye abafana noYobhi kudidi lokholo nendlela yokuphila (Yobhi 2:3). “Kwabe kukho indoda ezweni lakwaUtse, egama libe linguYobhi. Yaye loo ndoda igqibelele, ithe tye, imoyika uThixo, ityeka ebubini” (Yobhi 1:1). Ngoko ke, sibona indoda elukholo lwayo lwalungekuko ukuthetha nje okanye umjikelezo weenkonziso zenkolo, nangona oko kwakuyinxalenye yobomi bayo (Yobhi 1:5). Ukoyika kwayo uThixo kwabonakalaliswa ebomini bayo bonke bokuhlonela uThixo, naphakathi kweentlekele zezihendo ezibi. Ukuhlonela uThixo akuthethi ukuba sigqibelele, kuphela nje ukuba sibonakalalisa ingqibelelo kwindawo yethu.

Funda: Hezekile 14:14. Ithini le ndima ngento engqina ngesimilo saba bantu? Yintoni abanayo efanayo efanelwe ukubonwa kuthi sonke?

Ubugosa, ngokwenene, kukuphila ubomi bokuhlonela uThixo. Amagosa athembekileyo awanakumila nje kokuhlonela uThixo. Ayamhlonela uThixo, kwaye oku kuhlonela uThixo kutyhilwa yindlela aphila ngayo, kwindlela aziphatha ngayo izinto uThixo awagcinise zona. Ukholo lwawo alubonakalaliswa kuphela kwinto ayenzayo kodwa nakwinto angayenziyo.

Ukwaneliseka

“Kungekuko ukuba ndithetha ngokuswela; kuba mna ndafunda ukuthi entlalweni endikuyo ndanele” (Filipu 4:11). Ukuba kufuneka sanelisekile kwimeko esikuyo nokuba injani, kufuneka kuvele ngaphi, ekugqibeleni, oko kwaneliseka?

Ngexesha ebhalela uTimoti, uPawulos iqela elingamkelekanga labantu “[abacinga ukuba] ukuhlonela kuThixo kukusekeleza inzuzo” (1 Tim. 6:5). Ingaze ibekho indlela engcono ukuchaza abathengisi bakamabona kude enokudlula le? Benza imali eninzi bexelela abaphulaphuli ukuba, abaphulaphuli abo nabo bebengaba nobutyebi, njengabo. Ukulinganisa ubutyebi nokuthembeka kokunye ukubonakalalisa ukuthanda izinto kodwa phantsi kwegama lobuKristu.

Inyaniso yeyokuba, ukuhlonela uThixo akunanto yakwenza nobutyebi. Ukuba kunjalo, abanye babona bantu babi emhlabeni bekunokuthiwa bayamhlonela uThixo kuba nabo bangabanye babantu abanobutyebi. Endaweni yoko, uPawulos uphikisa ngokuthi “ukuhlonela uThixo kuyinzuzo enkulu” (1 Tim. 6:6, NIV). Ukuhlonela uThixo nokwaneliseka nakwezaphi iimeko, kuluhlobo lobutyebi kuba ubabalo lukaThixo lunexabiso ngaphezu kwenzuzo yemali. Kungoko kufuneka sanele kuba “sinento edliwayo neyambathwayo” (1 Tim. 6:8). Ekugqibeleni, akukhathaleki nokuba sinokungakanani, kuya kusoloko kukuninzi ekufuneka sikuzuzile ukuba sikekelele ukucinga ngaloo ndlela.

“Ukwaneliseka kuyo nayiphi imeko kububuchule obukhulu, imfihlelo kamoya. Kufuneka kufundwe, kufundwe njengemfihlelo. . . . Ukwaneliseka komKristu yimeko yomoya emnandi, engaphakathi, ethuleyo, nenobubele, ethi izinikele ngokukhululekileyo, ikuvuyele ukuziveza kukaThixo okukokomzali, nokulumkileyo kuyo yonke imeko. . . . Kulihlala leziqholo esinexabiso, neyintuthuzelo neluncedo kwiintliziyo ezikhathazekileyo, ngamaxesha neemeko ezinenkathazo.” — Jeremiah Burroughs, *The Rare Jewel of Christian Contentment*, pp. 1, 3.

Funda: Roma 8:28, Hebhene 13:5, and Filipu 4:4–13. Yintoni esinokuyifumana apha enokusinceda ukuba siphile ubomi bokwaneliseka.

Ukuthembela/Ukukholosa

Funda: IMizekeliso 3:5. Sithini isigidimi esibalulekileyo esinaso apha, ngakumbi kwindawo yokugqibela, engokwa“yama” kokwethu ukuqonda? (Bona naku-Isa. 55:9, 1 Kor. 4:5, 13:12.)

Isaci nenjongo yamagosa kaThixo kuku“kholosa ngoYehova ngentliziyo yakho yonke, ungayami kokwakho ukuqonda” (IMiz. 3:5). Phofu ke, oko kukholisa ukuba lula xa kuthethwa kunaxa kusenziwa. Kukangaphi sisithi sinako ukukholelwa kuThixo, eluthandweni lwaKhe nakwinkathalelo yaKhe ngathi, kodwa sisuke sizikhathaze sigule ngento esijongene nayo? Maxa wambi ikamva lingabonakala lisoyikeka, kokwethu ukucinga. Sithini, ke ngoko, njengamagosa ukufunda ukuthembela kuThixo? Ngokuphuma ngokholo nokuthobela uYehova kuko konke esikwenzayo ngoku. Ukuthemba kusisenzo sengqondo esingapheliyo ngokusetyenziswa; kwelinye icala, okona sithemba uYehova okona ukuthemba kwethu kukhulayo. Ukuphila ngokwamagosa athembekileyo yindlela yokubonisa ukumthemba uThixo. Oku kuthemba kusisiseko namandla aqhubayo egosa, kwaye kuye kubonakala ngoko sikwenzayo.

“Kholosa ngoYehova ngentliziyo yakho yonke.” Intethwana “intliziyo yakho” isoloko isetyenziswa ngokomfuziselo esiBhalweni. Ithetha ukuba izigqibo zethu zivela kokulungileyo okungaphakathi okusenza sibe ngaba singabo (Mat. 22:37). Oku kuquka isimilo sethu, iinjongo ezisiqhubayo, neminqweno—owona mongo wobuntu bethu. Kulula ukuthemba uThixo ngezinto esingakwaziyo ukuzilawula. Ngaloo ndlela, akukho nto singayenza ngaphandle kokuthembela kuYe. Endaweni yoko, ukuthembela kwenene “okuphuma entliziyweni” kubakho xa kufuneka sikhethile kwinto esikwaziyo ukuyilawula, kuze kuthi ukuthembela kwethu kuThixo kusenze ukuba sikhetha ngolu hlobo okanye ngoluya. Abapostile babonisa ukuthembela kuThixo ngentliziyo yabo yonke: “Ngokwemveli yabo babeswele amandla bengenako ukuzinceda njengabo nabaphi abasemsebenzini, kodwa balibeka lonke ithemba labo eNkosini. Ubutyebi babenabo, kodwa bubobenkcubeko yengqondo nomphfumlo; kwaye obu wonke umntu anganabo othi amenze abe ngowokuqala nowokugqibela uThixo kuko konke.”—Ellen G. White, *Gospel Workers*, p. 25.

Kuyinyaniso ukuba kulula kakhulu ukumthemba uThixo ngezinto ongenako ukuzilawula. Kuhamba njani ke ngezo unokuzilawula? Kokuphi ukukhetha okudingayo ukuze ngako ukuthemba uThixo kube kuko okwenza isigqibo ngendlela okhetha ngayo?

Impembelelo Yethu

“Kuba nina naye nifudula nibubumnyama, ke ngoku nikukukhanya, niseNkosini nje” (Efese 5:8). UPawulos uchaza utshintsho lwentliziyo njengolubonwa ekuhleni: Njengoko “sihamba ekukhanyeni” (1 Yohane 1:7; Isa. 30:21), ubungqina bethu bemihla yonke yobugosa obulawulwayo buya kuthi bube kukukhanya okuyimpembelelo kwihlabathi elisebumnyameni. UYesu wathi, “Ndim ukhanyiselo lwehlabathi” (Yohane 8:12). Sikubonakalalisa ukukhanya kukaThixo ngokuziphatha kwethu phambi kwabantu imihla ngemihla.

Ubugosa bakho bubonakalaliswa njani ngendlela enokuzisa uzuko kuThixo? Yimpembelelo enjani izenzo zakho ezinayo kwabanye abantu? Mat. 5:16, Titus 2:7, 1 Pet. 2:11, 12.

Ubugosa bungokulawula izinto zikaThixo, kodwa buyadlula kulo mthwalo. Ubugosa bethu busemboniselweni phambi kweentsapho zethu, ekuhlaleni, ehlabathini, nakwindalo yonke (1 Kor. 4:9). Ubugosa obuphilwayo emsebenzini wethu nabo bubonakalalisa igalelo elithi imithetho-siseko yobukumkani sinayo ebomini bethu. Ngaloo ndlela, sinako ukuba nempembelelo kwabanye. Sityhila uKristu ngobubele nokulungileyo, izinto ezamkelekileyo kuMdali. Ukuziphatha kwethu emsebenzini nako kufuneka kuvumelane namaxabiso obugosa bethu. Umsebenzi wethu uyindawo eyodwa apho ubugosa bomntu olilungisa bubonwa khona. “Ubuvelise njengokukhanya ubulungisa bakho, nebango lakho njengemini enkulu” (Nd. 37:6). Impembelelo yegosa nasemsebenzini okanye kubizo lwakhe ayibekwa “endaweni efihlakeleyo, nokuba kuphantsi kwesitya” (Luka 11:33), kodwa buyabonakala njengomzi ophezu kwentaba (Mat. 5:14). Xa niphila ngenjongo ngale ndlela ekhaya nasemsebenzini, niya kukhuthaza iingqondo neentliziyo zabo banijikelezileyo. “Yonke into endalweni inomsebenzi obekelwe yona kwaye ayikhalazi ngendawo ekuyo. Kwizinto zasemoyeni yonke indoda nomfazi unendawo yakhe ekhethekileyo nobizo lwakhe olukhethekileyo. Ingeniso uThixo ayifunayo iya kulingana nobuninzi bendyebo ayinikiweyo umntu ngamnye ngokomlinganiselo wesipho sikaKristu. . . . Ngoku lixesha lakho nelungelo ukuba . . . ubonise ukuzinza kwesimilo okuya kwenza ukuba ube nexabiso lenene lokulungileyo. UKristu unelungelo emsebenzini wakho. Zinikele kuYe ngovuyo.”—Ellen G. White, *This Day With God*, p. 243.

Luhlobo luni lwempembelelo ukuziphatha emsebenzini wakho oluyityhilayo kwabo usebenza nabo okanye kwabo bakubona ekhaya? Sinjani isigidimi osithumela kubo ngenkolo yakho?

Amazwi Esifuna (Nesingafuniyo) Ukuwava

Singabasemzini nabaphambukeli kulo mhlaba, laye izulu—eligqibeleleyo, elihle, nelinoxolo—liyandawo yethu yokugqibela esiya kuyo (Heb. 11:13, 14). Kude kube lelo xesha, kufuneka siyiphile intlalo yethu apha. Indlela umKristu alibona ngayo ihlabathi, ngakumbi njengoko kutyhiliwe kwimbambano enkulu, akavumeli ukuba kubekho iindawo ezingoondilele ngoku. Sisenokuba siphilela uThixo okanye siphilela utshaba. “Lowo ungengakum uchasene nam, nalowo ungandibuthisiyo uyachithachitha” (Mat. 12:30). Lowo singakwicala lakhe uya kutyhilwa, ngokucacileyo nangokungathandabuzekiyo, xa ebuya [uYesu].

Kwindawo ethile, emva kokuba ebuyile uKristu, abo babesithi bayamlandela baya kuva enye kwiintethwana ezimbini. Zithini ezo ntethwana, kwaye intethwana nganye ithetha ukuthini?

Mat. 25:21 _____

Mat. 7:23 _____

Amazwi kaKristu athi, “Hee ke” ngawona onwabisayo nawanelisayo anokuze aviwe ligosa. Ukunconywa lizulu kungakho xa kuthethwa phezu kwemizamo yethu yokulawula izinto zaKhe kuya kuzisa uvuyo olungathethekiyo ngokwenza okona kuhle ngokwezakhono zethu, ngokwazi konke oku ukuba usindiso lwethu lumile, hayi emisebenzini yethu kaKristu kodwa emsebenzini waKhe ngenxa yethu (bona: Roma 3:21, Roma 4:6).

Ubomi begosa elinyanisekileyo bukukubonakalalisa ukholo esele linalo. Ukuzama ukusindiswa ngemisebenzi kubonwa kumazwi abo babefuna ukuzithethelela phambi kukaThixo ngemisebenzi yabo (bona uMat. 7:21, 22). UMateyu 7:23 ubonisa ubungozi ngenene okuyiyo ukuzithethelela. “Xa abalandeli bakaKristu bebuyisela eNkosini okukokwaYo, bafumana ubutyebi obuya kubuyiselwa kubo xa beya kuva amazwi, athi, “Hee ke, mkhonzu ulungileyo, uthembekileyo; . . . ngena eluvuyweni lweNkosi yakho.”—Ellen G. White, *The Desire of Ages*, p. 523. Ekugqibeleni, ubugosa bubomi obuphilwayo ekuthi kubo, imithetho emibini eyeyona mikhulu, ukuthanda uThixo, nokuthanda abamelwane, iyeyona nkuthazo namandla aqhubayo kuko konke umntu akwenzayo.

Ingaba ubomi bakho, nobugosa obutyhilwa bubomi bakho, buyibonakalalisa kakuhle kangakanani le mithetho mibini iyeyona mikhulu?

Ingcamango Eyongeziweyo: “UKristu weza kulo mhlaba ukuba atyhile uthando lukaThixo. Abalandeli baKhe kufuneka bawuqhube umsebenzi awawuqalayo. Masizame ukuncedana somelezane. Ukufuna ukulungelwa kwabanye yindlela ekunokufunyanwa ngayo ulonwabo lwenene. Umntu akasebenzi ngokuchasene noko akuthandayo xa ethanda uThixo nabazalwana bakhe. Okona umoya wakhe ungenamona, okona aba novuyo, kuba uzalisa injongo kaThixo ngaye..”—Ellen G. White, *Counsels on Stewardship*, pp. 24, 25. “Naphi na apho kukho ubomi ebandleni, kukho ukwanda nokukhula. Kukwakho nokutshintshelana okuthe rhoqo, ukuthabatha nokunika, ukwamkela nokubuyisela eNkosini okwaYo. Kuye wonke okholwayo ngenene, uThixo unika ukukhanya nentsikelelo, aze athi lo ukholwayo anike abanye ngomsebenzi awenzela iNkosi. Uthi xa enikela koko akufumanayo, yande indawo yakhe yokwamkela. Igumbi liyavuleka ukuze kungene okutsha kobabalo nenyano. Ukukhanya okucace ngakumbi, ulwazi olwandileyo, zizinto zakhe. Koku kupha nokuzuza kuxhomekeka ubomi nokukhula kwebandla. Lowo uzuzayo, kodwa angaze aphe, kungekudala uyayeka ukuzuza. Ukuba inyaniso ayimpompozi isuka kuye iye kwabanye, ulahlekwa kukukwazi ukwamkela. Kufuneka sinikise ngezinto zezulu, ukuba sifuna ukuzuza intsikelelo ehlaziyekileyo.”—Ellen G. White, *Counsels on Stewardship*, p. 36.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Ukuthembela kuThixo kukhokelela njani ekwanelisekeni? Yintoni efunekayo ukuze umthembe uThixo ngentliziyo yakho yonke nikumgangatho osengqondweni? 2 Kor. 10:5. Kutheni le nto kulula ukuthi, “zonke izinto zisebenziselana okulungileyo” (Roma 8:28) kodwa kunzima kakhulu ukukukholelwa oko? Ukuthi, kutheni sisithi sithembe uThixo, ngokwenene simthembe nje ngokwasengqondweni, kodwa sibe noloyiko olukhulu ngengomso?
2. Eklasini, buzani lo mbuzo nize nithelekise iimpendulo: “Ngamazwi angama-25 okanye ngaphantsi, kutheni ubugosa buyinxalenye ebalulekileyo yobomi bobuKristu?”
3. Funda kwakhona uMateyu 7:21–23. Kuqhubeka ntoni apha? Kutheni le nto aba bantu bethetha ngezinto abazenzayo? Amazwi abo atyhila ntoni ngabo? Singaqinisekisa njani ukuba, naxa sifuna ukuba ngamagosa alungileyo, naxa sifuna ukuphila ubomi bokholo nokuthobela, naxa sifuna ukwenza imisebenzi elungileyo egameni likaThixo, kodwa asiwi kolu hlobo lokuzikohlisa?
4. Sikhohlisa ukucinga ngempembelelo yobuKristu kuphela kumgangatho womntu ngamnye. Kanti ke, sithini ngomgangatho webandla lakho? Yimpembelelo enjani elinayo ekuhlaleni xa lilonke ibandla lakho?